ICandelo leKharityhulam yeGET			QWALASELA
Isifundo	**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA**	**Kota**	**1**
Ibanga	**6**	**Iveki**	**1**
Ingcebiso	• Yenza uvavanyo lokuhlola nokwenziwa komsebenzi ngendlela engaqingqwanga, noqhelaniso ngomgangatho ngeentsuku ezintathu zokuqala kwikota kwiVeki yoku-1 (ngeentsuku zoku-1 ukuya kwezi-3). • Idatha ke leyo inokusetyenziselwa ukuqaphela izikhewu ekufundeni. • Information Olu lwazi lungasetyenziselwa ukwazisa ngemisebenzi elandelayo yokufundisa nokufunda.		
IQHAGAMSHELWE KWISICWANGCISO SOKUFUNDISA NOKUHLOLA	• Ukuphulaphula ulwazi kwiindindi zezicatshulwa zomlomo: iingxelo nokushwankathela imiba ephambili. • Ukuxoxa bgendlela umyalezo onokusetyenziswa ngayo. • Ukuziyilela sichazi magama sakhe. • Ukubhala inkqaku lephephandaba. • Ukufunda ngeendidi zezibizo,izimelabizo, amaxesha ezenzi		
IZAKHONO	**Uxholo: Inqaku lephephandaba** • Ukuchonga izimvo eziphambili nokuphendula ngokufanelekileyo. • Ukuchonga axoxe imiyalelo ecwangcisiweyo nefihlakeleyo. • Ukwenza sichazi magama sakhe. • Ukubhala inqaku lephephandaba. • Bakwazi ukusebenzisa iindidi zezibizo,izimelabizo, amaxesha ezenzi ngokufanelekileyo.		
UKUDIBANISA	• Ukubuza imibuzo ngengqiqo efuna iinkcazelo ezahluka-hlukileyo. • Ukufunda ngokuqonda baphendule imibuzo. • Ukuvelisa imihlathi evakalayo esebenzisa isivakalisi esiyintloko. • Ukwakha iziganeko eziphambili usebenzisa iflowutshati. • Umsebenzi ejolise kwiindidi zezibizo,izimelabizo, amaxesha ezenzi.		
Oovimba lincwadi: Incwadi yomfundi Incwadi yokufunda Incwadi yokusebenzela yeDBE		**Oovimba abafumaneka nge-intanethi:** **Snapplify** https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031	
IMISEBENZI KATITSHALA	**IZAKHONO** **(Ndiza kufundisa ntoni/isikhokhelo/inkxaso …)**	**lindlela zokufundisa/ uyenza njani** **(Ndiza kuyititsha njani/isikhokhelo/inkxaso…)**	**Oovimba** **(Ndiza kusebenzisa ntoni ukufundisa/isikhokhelo/inkxaso…)**
	UkuPhulaphula nokuThetha: **INGXELO KWIPHEPHANDABA/ INGXOXO YEMIBA EMITSHA**	• Nika abafundi isihloko senqaku lephephandaba kunye nomfanekiso ohambelana naso. • Bavumele abafundi ukuba benze uqikelelo.	Icwecwe lokusebenzela lilungiselelwe 1. https://www.youtube.com/watch?v=likN0_OLO6g 2. https://www.youtube.com/watch?v=MPGhEJicbC4

	UkuFunda nokuBukela: **INQAKU LEPHEPHANDABA**	• Yalela abafundi ukuba bafunde inqaku lephephandaba baze baphendule imibuzo njengoko beyalelwe kwicwecwe lokusebenzela. • Mabakhawulezise bakhangele amagama abangawaqondiyo abhalwe ebhodini. • Mawadweliswe onke la amagama kunikwe ingcaciso yegama ngalinye. • Yalela abafundi ukuba bazifundele inqaku lephephandaba baze baxoxe ngomxholo walo. • Mabaphendule imibuzo emalunga nenqaku lephephandaba abalifundileyo.	
	UkuBhala nokuNikezela: **INQAKU LEPHEPHANDABA**	• Abafundi mababhale isigama esitsha kwincwadi zabo zezichazi-magama ababhala kuzo ukulungiselela uvavanyo lopelo. • Fundisa indlela yokubhalwa kwenqaku lephephandaba. • Yalela abafundi ukuba babhale inqaku lephephandaba balandele indlela abayifundisiweyo (Bangabhala ngezihloko abazithandayo okanye titshala banike izihloko).	
	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:	• Hlaziya izibizo, izimelabizo nezenzi njengoko bezikhe zafundiswa kumabanga angaphambili. • Phinda ubafundise ukuba abaqondi. • Nikeza umsebenzi ojolise kuyo yonke imisebenzi yolwimi efundisiweyo kule veki.	

IMISEBENZI YABAZALI	UkuPhulaphula nokuThetha:	• Fundela umntwana wakho inqaku lephephandaba kwincwadi yokusebenzela yeDBE ipepha lesi-2/ kwincwadi yakhe yomfundi/ iphephandaba lasekuhlaleni. • Ncedisa ekucaciseni nasekubizeni amagama athile. • Mncome xa enze kakuhle ukumnika inkuthazo.	Access to websites: such as Vodacom e-school Iimagazini Amaphephandaba Isichazi magama Incwadi yokusebenzela yeDBE
	UkuFunda nokuBukela:	• Yalela umtwana wakho ukuba afunde inqaku lephephandaba kwincwadi yakhe yokufunda/ yomfundi/ yokusebenzela yeDBE/ kwiphephandaba. • Ncedisa umntwana wakho aqikelele esebenzisa imifanekiso ehamba neqaku lephephandaba elo azakulifunda. • Makakhangele amagama angawaqondiyo mncede ukuwacacisa. • Myalele ukuba akufundele ngokuvakalayo. • Mlungise xa esokola ekubizeni amagama athile. • Xoxani ngenqaku nomntwana wakho enika uluvo lwakhe. • Makaphendule imibuzo emalunga nenqaku lephephandaba alifundileyo.	
	UkuBhala nokuNikezela:	• Vumela umntwana wakho abhale phantsi amagama kunye nengcaciso yamagama ebengawaqondi. • Myalela ukuba abhale inqaku lephephandaba elandela isakhelo asifundisiweyo. • Mnike inkxaso xa engaqondi.	

	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:	• Hlaziyani iindidi zezibizo, izimelabizo, Amaxesha ezenzi. • Mncedise ukwenza umsebenzi ojolise kulwimi. • Mncedise apho adinga uncedo khona.	
IMISEBENZI YABAFUNDI	1. **Ukuphulaphula nokuthetha** • Umfundi makaqikelele umfanekiso. • Makaxoxe ngesakhiwo setekisi. 2. **Ukufunda nokubukela** • Umfundi makaqikelele esebenzisa umfanekiso nesihloko. • Makakhangele amagama angawaziyo. • Makamamele efundelwe amane engenelela ephendula nemibuzo. • Makafunde kunye notitshala okanye nomzali/ nabani onokwazi ukumncedisa. • Makaphinde afunde itekisi kwakhona ngokuvakalayo. • Makaphendule imibuzo emalunga netekisi ayifundileyo. **3. Ukubhala nokunikezela** • Makabhale amagama angawaziyo kwisichazi-magama sakhe. • Makabhale inqaku lephephandaba elandela isakhelo asinikiweyo. 4. **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:** • Makabhale umsebenzi ojolise kulwimi.		

ICWECWE LOKUSEBENZELA

PHAMBI KOKUPHULAPHULA INQAKU LEPHEPHANDABA

Isihloko: Kubalulekile ukuzazi

1. Xa ujonge umfanekiso ucinga ukuba itekisi ozakuyiphulaphula iza kuthetha ngantoni?
2. Ucinga ukuba kutheni abazali balo mntwana bemanga nje? Cacisa.
3. Ukuba lo mfanekiso ubuthathwe ngexesha leCOVID19, zinto zini ongacebisa ukuba zenziwe ngabantu abasemfanekisweni?

NGEXESHA LOKUPHULAPHULA

Phulaphula utitshala wakho ekufundela inqaku lephephandaba elinesihloko esithi " Kubalulekile ukuzazi"

Isigidimi **8 EyoMqungu 2011**

Ibuyiselwe kubazali bayo inkwenkwana eyayilahleke elwandle

NguLulamile Sonto

Ifunyenwe inkwenkwana eyalahleka elwandle kwiveki edlulileyo. Le nkwenkwe iminyaka isibhozo egama linguLuyolo yalahleka kulwandle lwasemonti ngomhla wokuqala kweyoMqungi mgomnyaka wama-2011. Yayihambe nabazali bayo beyokubhiyozela unyaka omtsha elwandle. Yalahlekana nabazali kweso siphithiphithi sabantu. Kwahlatywa umkhosi yakhangelwa kodwa babuya ze ababekhangela. Aqhubile namapolisa ekhangelakodwa ayeka yakuphela iveki. Amapolisa acacise ukuba abantwana abangamakhwenkwe akakukhathalelanga ukugcina iinombolo zabazali abo.

Xa ibuzwa iphendule yenjenje le nkwenkwana, "Ndaye ndabonwa ngomnye umama ndikhala. Wandibuza ukuba ndililela ntoni na, ndamxelela ukuba andibaboni abantu basekhaya. Wandibuza ukuba ithin9 inombolo yefowuni kamama okanye katata ndabe ndiyilibele mna. Wahamba nam lo mamam waye emzini wakhe wafika wandipha ukutya, ndahlamba ndalala."

Kuvakala ukuba le nkosikazi yathumela umyalezo kuMhlobo Wenene nezinye izitishi zikanomathotholo ichaza ngalo mntwana imchole elwandle. Yashiya amagama omntwana, abazali bomntwana nenoombolo zayo zomnxeba. Waba uyafumaneka ngolo hlobo uLuyolo.

EMVA KOKUPHULAPHULA

1. Phinda ubalise itekis kwakhona.
2. Ucinga ukuba kungenziwa ntoni ukuthintela ukulahleka kwabantwana ngemihla efana neyonyaka omtsha. Xoxani nize nesisombulululo.
3. Bhala phantsi amanqaku abalulekileyo kwinqaku obe uliphulaphule ngamagama angama-30.

UKUFUNDA NOKUBUKELA (inqaku lephephandaba)

Phambi kokufunda:
Isihloko: Zithini iindaba (Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha lesi-2-3)

1. Krwaqula imifanekiso uze uchaze ukuba ingaba zizakuthetha ngantoni iiitekisi oza kuzifunda?
2. Ucinga ukuba izihloko ziyahambelana nemifanekiso?

NGEXESHA LOKUFUNDA

Funda ibali kwincwadi yokusebenzela yeDBE, iphepha lesi-2-3

Emva kokufunda inqaku lephephandaba

a) Phendula imibuzo elandela ibali kwincwadi yokusebenzela yeDBE iphepha lesi-4

UKUBHALA NOKUNIKEZELA

1. Bhala isichazi magama sakho apha ngezantsi:

……

……

……

2. Ukubhala inqaku lephephandaba:
Sebenzisa isakhelo kwincwadi yokusebenzela yeDBE iphepha lesi-6-7.

IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

1. Funda lo mhlathana uze uchonge zonke **izibizo ngokukrwela umgca phantsi** kwazo uze unike **udidi lwesibizo** ngasinye osichongileyo;

Ifunyenwe inkwenkwana eyalahleka elwandle kwiveki edlulileyo. Le nkwenkwe iminyaka isibhozo egama linguLuyolo yalahleka kulwandle lwasemonti ngomhla wokuqala kweyoMqungi mgomnyaka wama-2011. Yayihambe nabazali bayo beyokubhiyozela unyaka omtsha elwandle. Yalahlekana nabazali kweso siphithiphithi sabantu. Kwahlatywa umkhosi yakhangelwa kodwa babuya ze ababekhangela. Aqhubile namapolisa ekhangelakodwa ayeka yakuphela iveki. Amapolisa acacise ukuba abantwana

abangamakhwenkwe akakukhathalelanga ukugcina iinombolo zabazali abo.

2. Phinda ufunde lo mhlathi ungezantsi uze **ukrwele umgca phantsi kwezenzi** uze unike **ixesha lesenzi** ngasinye osikrwelele umgca;

Ifunyenwe inkwenkwana eyalahleka elwandle kwiveki edlulileyo. Le nkwenkwe iminyaka isibhozo egama linguLuyolo yalahleka kulwandle lwasemonti ngomhla wokuqala kweyoMqungi mgomnyaka wama-2011. Yayihambe nabazali bayo beyokubhiyozela unyaka omtsha elwandle. Yalahlekana nabazali kweso siphithiphithi sabantu. Kwahlatywa umkhosi yakhangelwa kodwa babuya ze ababekhangela. Aqhubile namapolisa ekhangelakodwa ayeka yakuphela iveki. Amapolisa acacise ukuba abantwana abangamakhwenkwe akakukhathalelanga ukugcina iinombolo zabazali abo.

3. Khangela zonke izimelabizo zoqobo, ezoqobo zokugxininisa kunye nezokwalatha/ zokukhomba kule phazili;

a	w	o	n	a	b	a	y	a	o	k	u	a	b	o
b	o	n	a	e	a	b	o	b	i	x	g	b	n	b
o	n	c	n	i	o	d	y	a	z	w	e	a	m	u
n	a	e	s	i	k	q	e	y	e	e	z	y	t	y
a	o	k	w	a	o	e	n	r	e	n	o	a	x	b
z	o	n	a	e	n	s	a	v	l	o	n	w	a	c
z	j	l	y	z	a	i	e	s	o	n	a	o	n	x
o	h	o	e	i	o	y	a	h	n	a	q	n	o	z
w	e	w	n	y	l	a	y	l	a	k	a	a	w	k
o	z	a	a	a	u	w	u	o	a	o	n	b	o	l
l	o	n	a	m	u	o	l	w	l	n	o	k	o	v
o	e	s	a	a	e	l	o	o	t	a	z	e	s	o

4. Ngoku sebenzisa izimelabizo ozifumene kwiphazili, wakhe izivakalisi ezinentsingiselo.